ILIZWE LA MAMFENGU

IVENKILE E JOJOSI.

IVENKILE KA MAVELETSHONA.

Ukuba ubuza ukuba yiyipina IVENKILE ELUNGILEYO kulo lonke ela Mamfengu, angatenga kuyo konke okunokukankanywa—nemaxabiso angadanisiyo—kuba inika amanani alungileyo
Nge zikumba, ngo Boya; nayo yonke into elinywayo. Nge Gusha, na Mahashe, ne Bhokwe ; Ihangu ne Nkuku. Yizani nazo ziyakutengwa ngu Utengisa Zonke intlobo zamayeza.

P.H POTTOR

ELE-SIXHOSA NGU MAVELETSHONA.

Nalo icam lako.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOUBKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

MAMFENGU! MAMFENGU!

PAULANI OKU!

Lo ugama lingezantsi unika

Amaxabiso apezulu ngo Boya,

NEZIKHUMBA

Zenkomo nempahla, emfutshane,

Kwivenkile zake ezise

MBIZA, e Mtwaku nase

Luxwesweni kwa BLAYI.

Into eyimpahla yevenkile itengiswa ngamaxabiso apantsi xa itengwa ngemali kuzo zonke ezindawo.

Kwakona kwivenkile yakwa Blayi utengisa IGUSHA ezi 6OO, NENKOMO ezi 50.

THOS. MORIARTY.

Blyth Station, Fingoland. 2tc


## KUBIWE.

NGOBUSUKU bolwe sibini ngomhla we 12 kulenyanga e St. Mark's (Esidutyini) inkabi engwevu yehashe—etiwe gqipu indlebe yase kohlo—kwa ne nkabi yehashe entsundu ebu tuqwa eyi Pony omabini abudala buko we sine umnyaka. Ukumka kwawo abhekise ngase Mtata nakwa Gcaleka. Olandise umkondo wo-vuzwa kakuhle ngu.

## KUBIWE.

AMAHASHE amabini e Dutywa ka Rev. EDWARD TSEWU. *Impawu* : (1) Imazi efosikazi, empevu, enqunyulwe umsila, olunye unyawo lumhlope kweyasemva. (2) Elinye yi Pony ebomvu esingci simnyama enqunyulwe kakulu umsila amanqina afuna ukuba nzima ibumata Umkondo wawo usinge ngase Mtata. Ote wawanakana wondazisa.

EDWARD TSEWU.

Idutywa, May 10, 1886.

## Umanyano nge Mfundo

AMALUNGU ane ngxoxo anga zinga singatwa yintlanganiso ezayo makatumele amagama azo kwangapambi ko 31 May, ku

BEN SAKUBA,
c/o Mr. JABAVU, King William's Town.
King William's Town, 19th May, 1886.

## ISAZISO.

INTLANGANISO yonyaka ye "Bumba Yabalimi" iyakuba ngomhla we 15th June, 1886. Amalungu amandala namatsha ayacelwa Ukuze abeko ngalomini.

DUNCAN S. MAKOHLISO,
Acting Secretary.

## Kwizihlobo Zam.

NDIYAZISA kwizihlobo zam ukuba mazenjenje ukundibhalela.

WILLIAM J. MAMA,
Upper Tsitsana, Maclear District,
East Griqualand.
4th May, 1886.


*R. W. ROSE-INNES,*

Umteteleli-Ematyaleni, Umqinisi,

WEMVUMELANO,

Umanani Weziqiniselo

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteteni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba unokufuuelwa, ofuna kujikwe igama lesiqiniselo somhlaba unokwenzelwa. Lemise benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi esesitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kumacalana onke e-Koloni.*

Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.


## ISAZISO SOMHLELI.

UMR. JOHN MAHALI umiselwe ukuba Ligosa le *Mvo* esiqingateni sase Tsomo ne Mbhulu.

ISIKUMBUZO.]

—U—


JOSEPH J. YATES,

OBEKE ESE BAYI,

Ngumteteleli Ematyaleni, ufeza nemicimbi engemihlaba, nento zonke ezifezwa " nga magqweta."

IOFISI—Egumbini le ALEXANDRA ROAD ne Downing Street, kula ofisi ibisakuba yeka Mr. Innes.

KWA G. WHITAKER, kwivenkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo-njalo.


## Ababhubhileyo.

NTOZINI—E Tsomo, ngo 6 May, 1886, kubhubhe u. THOMAS A BECKETT, unyana ka J. NTOZINI, owazalwe ngo 15 August, 1885. Abahlobo mabamkele lombiko.

KAWA.—Kubhubhe ngomhla we 5 ka May, 1886, u JOSIAH P. KAWA, unyana opakati ka ISAIAH KAWA, obeqalwe sisisu nge Cawa 2 May. Ube li 14 iminyaka yobudala. Kubikelwa izihlobo.

## *Iveki.*

ABAXHASI be *Mvo Zabantsundu* bayaknjuzwa ukuba ikwota yabantu abaninzi ipele ngo April lo: Lixesha ke eli itunyelwe imali. Esi sikumbuzo sibhekiswa nakwabo banga Magosa *Emvo* kwindawo ngendawo. Kufuneka itunyelwe nge Post Office Orders imali, indawo ezingenayo nge Stamps zepeni, nezimbini, neze tiki. Azifunwa kakulu eze halufa. Yonke imali ingena ngo J. TENGO-JABAVU, Office of *Imvo Zabantsundu,* King William's Town.

ICEBO ebelingeniswe ngu Mr. Dyer e Palamente lokuba imali yepepa lemvume (license) yokuba ihotele ezikwi ziqhibi ekungatengiswa tywala kwabantsundu mayitotywe livunyiwe.

IKUMKANIKAZI yase Spain ibeleke unyana.

ABANTU base Ashantee kuvakala ukuba bamvukele u Rulumente welo babulala ama Jelimeni amashumi mane anamahlanu ngemini enye.

UMSEBENZI uya unqaba ngakumbi ezidolopini, abasebenzi bayapungulwa. Ikwayilonto nase Ngilane.

ISIQINGATA sase Ulster kwelama Ayirishi siwe ezintongeni ukucasa olulaulo lutsha ati malungeniswe kwelo u Mr. Gladstone.

AMA Ayirishi ase America atembisa ukuba aya kutumela umkosi ongamawaka alishumi e Ngilane ukuxasa ulaulo luka Mr. Gladstone ukuba impi yase Ulster izimisele ukuba ngondiyalwa.

ITYALA lika Messrs. J. D. Ellis no Sheehan lobubhuru bemali ezitile zamafandesi lisatetwa. Ngati limdaka.

I PALAMENTE ya Mabhulu ase Free State yalile ukuba kumiswe umkosi wawo oyakugcina umda owahlula elo nela Besutu.

I RULUNELI yeli u Sir Hercules Robinson kuvakala ukuba ubetele empilweni, uyakubuya lakupela elixeshana alipiweyo ngomkombe oyi *Moor.*

KUMBONISO oyakuba se Bayi ngo November ozayo abantu abamnyama bayakunikwa amabhaso ngomqapu (Cotton) abawulimileyo. Naloka ilungelo mpi yakwa Kama eseyiwuhlwayele umqapu.

INQANAWA egama liyi *Palala* ebisinga e Natal iqekeke yapalala kwa isesuka e Ngilane. Basindile abantu.

SINGESASIXELE kweseveki egqitileyo ukuba abazali baka Mr. W. N. Somngesi abebafuna base Xokonxa kwa Tsolo.

KUKO amadoda asand'ukubanjwa e Monti ngokumana eketa amaketelele kwinkomo zomlungu wawo ezibula ebusuku ngendlela apa yobugqwira yamanyange.

NGOLWE sine olugqitileyo kubonwe omnye umnenga kufupi nonxweme e Bayi.

INGQELE seyilala ezintabeni zeli pezulu.

LITI ipepa lama Bhulu i *Zuid Afrikaan* ezizikolo zifundisa abantu abamnyama ezinjengo ma Dike nezinye mazingancediswa ngemali ka Rulumente ade amapepa abantu abamnyama akwazi ukuti *Baas* kuma Bhulu.

UMANZABOMVU utegqi kwimizi ekufupi ne Kobonqaba ngase Nyara. Nalapa e Qonce useko, amagwangqa ayamfihla ngoku kuba akapeli. Liti elinye ezalo zibulawa kukudla isipingo esivutiweyo, siwa xakile amadoda.

ITAPILE zobubusika zife impela e Selem kuyakuba nzima nokufumana imbewu. Nakweli lase Qonce ikwayilonto, kupile atyawa ngo Ntsinga odwa.

I RULUNELI yase Delagoa Bay ibitumele unobhala wayo kwinkosi yama Swazi Umbandine ukucela indawo etile kumhlaba wawo enamalahle. Ala ama Swazi adam bhebheta.

UNOBHALA wase Delagoa Bay utyelwe ngama Swazi ukuba intaba Zebombo zikowama Swazi, namatafa apantsi kwazo ngase mpuma langa ngawakwa Swazi awalwela.

I CEBO elalingeniswe ngu Mr. Schermbruker e Palamente lokuba inqwelo mazi rafiswe ukuze alungelwe ulolwe alipumelelanga. Zisindile inqwelo.

U SPELMAN wase Natala ubebanjiwe wafawa kuloli nedindala ukuya e Mantyini. Kute kwantizitshile watsiba ngefesitile epala ululiwe. Laziposa nedindala laya lati shwenye lenzakala ; u Spelman wela kwa ntsiza.

I PALAMENTE isingete umteto wengqina wokuba kuyekwe ukufumane kuzingelwe nokuba kuninina. Amaxesha engqina omiswa ngu Rulumente.

E KOMANI bekuko igqugula lokufuna iqinga loku tintela asisifo kutiwa sisilepele ukuba singandi ebantwini kuba siyasulela.

f36m

KEKWAKO idabi elishushu kunene pakati kwentlola zama Turk nezama Grike.

KUHLE ingosi e Bayi izolo ngokuqekeka komashini womlilo ofunqula impahla kwizikitshana e Bitsini. Kufe amadoda amabini kwalapo, kwenzakala kakubi amane, amanye anenduma ezilingeneyo.

# Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-TATU, MAY 26, 1886.

Ukumelwa Bantsundu ePalamente.

NGENYE imini apa sangona kanobom ekuboniseni ingozi ezikoyo kulento yokusuke amawetu aziyekelele ukuba atiwe nqo ngempumlo asoloko ekokelwe ngu Mlungu mblaimbi nga Belungu kwizinto ezililungelo labo nabangaziqondiyo kulo Rulumente wetu. Sasilitsolisile ukuba xa sazeke ababantu besiza neliti siza kunenzela oku nokuya nakuyipicota lonto, nalawo madoda niwambululise. Kufuneka ukuba "amadoda ingeyiyo imiteto " ibe yimbasa yomzi ontsundu ngoku, kuba inkosi zabo kukade zidlelw' indlala ngu Rulumente ngenxa yokusuke zitetelelwe ngabantu abangatembekileyo. Ngoku ke sinetembakazi elikulu ukubaliya kuxola kuti tu ku Mampondo kuba inkatazo abekuzo azibeke ezandleni zamadoda atembekileyo o Sir THEOPHILUS SHEPSTONE (U SOmtsewu), no Colonel GRIFFITH, no Mr. JOHN J. IRVINE no Mr. DONALD STRACHAN. Site kanjaqo sisakuva ukuba Abatembu eyabo inkatazo bayipatise amadoda abekekileyo ango Dr. BERRY wase Komani, Mr. LINDEN BRADFIELD no Mr. HELMER base Dodoloro, no Rev. E. J. WARNER wase Mount Arthur asibanga nanto yakuteta ngapandle kokubancoma nokubakutaza. Site kodwa sakubona ukuba bayilahla indlela bafuna amagxulusha bahamba ngendlelana ezinyebelezayo sabavusa kulongozi eyakubulala eyona ndlela iyiyo. Sisenza lenteto nje sixokonxwe ngummiso owenziwe yintlanganiso yaba Rwebi base Tsomo wokuba lomteto ungeneyo e Palamente wokumelwa kwe lipesheya kwe Nciba e Palamente uyakoleka. Bati abarwebi base Tsomo lento bayenza bedibene nenkosi kwa nezibonda zabantu abamnyama abatumele incwadi zezicelo zabhalwa into eninzi yamagama abamnyama, bebonisa ukuba " lomteto " ukoleka kakulu kubantu abamnyama " (kutsho abarwebi ke). Ukuba ingaba lento yenziwe zinkosi nazizibonda singasuke sitete libe linye siti—zityomfiwe impela, zanyiswa kofileyo umbele ngaba Rwebi bevenkile. Siva kwabona ababarwebi bezingca ngokuti into iqondwe ngabo ngemicimbi yelozwe sakuzeke iyiyona iyinene; omnye ummiso wabo ngulo " lentlanganiso kanjako " inoluvo lokuba akuko nalinye " inene e Koloni elilingana nati " tina basoloko bevana nabantsundu " balapa esihleli pakati kwabo, nga- " ngokuba libe nako ukupalaza " uluvo ngengxoxo zeli." Lomteto wokumelwa kwepesheya kwe Nciba e Palamente ongeniswe ngu Mr. UPINGTON mbi ngangokuba simangaliswe kukuba kude kubeko amadoda anengqondo akolwayo nguwo. Akuko namnye umntu olaziyo ubude nobubanzi nobutyebi balo eliyazwe lingapesheya kwe Nciba ongayimelayo lento yokuba amadoda amabini anele ukulimela kakuhle e Palamente. Ezinkosi nezibonda zikolwa yilonto na ? Nangapezu koko lomteto ukohlakele kuba uketa ibala Uti lomteto makati umntu kuba edalwe wamnyama ngu Tixo, pambi kokuba abe nelungelo lokunyula amalungu okumtetelela e Palamente abe ne £500; ekubeni Umlungu kufuneka ene £25 qa ukuba makabe ngumnyuli. Ezinkosi nezizibonda zikolwa ngulowo mketo na ? Lomteto uti bonke abantu abamnyama ukutatela e Nciba ukuya e Mzimkulu, nokusuka elundini lwo Kwahlamba ukusa elwandle mabaqukwe babe ne Gqugula labo bodwa ze banyule omnye wabo oyirolayo irafu ukuya kubatetelela e Palamente. Elozwe libanzi kangako limelwe ngumntu omnye. Lento ngeba iyakweleliswa njengentlekisa kodwa ukuba abangenisi bayo bebengayibinqele kangaka. Okukuqukwa kwabantu abamnyama kutiwa kufunwa ukuba izwi labo lihlale ligqumelekile e Palamente; sibubona apo ke ubudenge bezi nkosi nezi zibonda kutiwa zibhale incwadi zezicelo ezibulala kwazona kanye ezonkesi. Mazibe ezi nkosi nezi zibonda ngo

HAMANE bezimini ukude zisuke zigxumeke imiti yokuxhoma kanti kuza kuxhonywa kwazona kuyo. Kunga kusafuneka omnye umzekele wale flara yetyala nokuzigwinta okutwelwe zezi nkosi nezi zibonda na ? Asikolwa. Siyatemba inkosi nezibonda ezinengqondo kunye nabantu bayakuyicasa kwangoku lento inje ukungcola engxanyelwe ukwenziwa pakati kwemiteto nentlalo yabo Ukuba ipesheya kwe Nciba kutiwa malibe nabameli e Palamente makungabiko mketo malibe nto nye nelinganeno kwe Nciba.

## *Amanqaku.*

SIBULELA ububele bo Mpatiswa-Mfundo ngokusitumela i Blue Book eyingxelo yesimo semfundo ebekwe pambi kwe Palamente esitemba ukuba sobehle sibe nenteto esiyenzayo ngayo. Into entsha kulencwadi yengxelo yalonyaka kukufakwa kwengxelo za Bahloli Zikolo zeziqingata zabo abazihlolayo—into ke leyo eyenze mandi lencwadi ebifudula ingamatambo nje awomileyo orozo lwamanani. Kuyasikolisa ukubona ukuba kubeni amaxesha ebemabi kangaka isahamba kakuhle ikalityi yemfundo ikokelwe ngulowo Jehu wezimini u Dr. Dale. Nobugquzugquzwana obuke bako abungakanani.

KWELE veki egqitileyo safaka incwadi yomhlobo wetu owayevelise icebo lokuba umzi ontsundu mawudibane wonke wenze isicelo siye kwi Ruluneli eyintloko ye Nkosazana apa, ukuba xa igqibe iminyaka e 50 ilaula Inkosazana mayikulule inkosi zakowetu nabanye ababanjwa bemfazwe abase bunzimeni e Kapa. Ufike umbhali wetu alixhase icebo lake nge Zibhalo Ezingcwele, *Livitikusi* xxv.—10. "Naniya kuwu ngcwalisa umnyaka wamashumi mahlanu nenze isimemezo senkululeko kulo lonke ilizwe kubo bonke abemi balo: yoba yi jubili kuni; umntu ngamnye uyakubuyela emfuyweni yake, umntu ngamnye uyakubuyela entsatsheni yake." Elicebo lenziwa kuba ngomnyaka ozayo yoba yi Jubili yo Mtan' Omhle Ikumkanikazi. Sinenkolo ukuba ngexa lika kumkani u George III ababanjwa bakululwa isakufika i Jubili yake ngo July ngomnyaka we 1809 nakuba singasikumbuli isahluko nesahlukwana salondawo. Olu luvo lulunge kakulu, sitemba kanjako ukuba luyakuxhaswa ngoraoya wobuntu nqama Koloni. No Rili uxolelwe, no Mditshwa waxolelwa pambi kokuba abhubhe, wala ntonina ke ukuba imfefe zalo Rulumente wetu zingayi kufikelela kweziya ndwyai zisebenza elunxwemeni lwase Kapa.

## *I Palamente.*

Ngolwesi-Tatu 19 May 1886.

INGXOXO EZ1YAKUNDULULWA.

U MR. INNES unike isaziso sokuba ngo-lwesi-Bini, 25 May 1886 uyakuti Ibandla malivumelane ngalendawo :—Eluveni lweli Bandla kubonakala kulungile ukuba inani leziqiti emakungatengiswa tywala bomlungu kwabantsundu kuzo, ngomteto 28 wo 1883, malandiswe, no Rulumeni makacelwe ukuba lendawo ayihambise.

U MR. INNES: makwanekwe ingxelo patnbi Kwebandla engezindawo—

*(a)* Inani lengqili ezimiwe ngabantsundu kweziziqingata—Eqonce, Ekomani, Emonti, Ecumakala, Edodoloro, E-Alvani, Edikeni, Engqushwa, Empofu, Ebhofolo, Egqili (Herschel), Erini, nase Nyara.

*(b)* Inani kwezingqili elinemida engapi. kwayo.

*(c)* Inani lelali elimida inezipitipiti ngokuti abelungu abazimeleyo bayibe imihlaba.

*(d)* Inani lelali elicandelwe itaitile zaza zamkelwa ngabantsundu.

*(e)* Inani lezindlu kwilali nganye.

IRAFU YENDLELA.

Ibandla libuye layingena ingxoxo ka Mr. Rhodes yokuba ilali zabantsundu ziyirafele indlela yenqwelo.

U MR. FROST (Folosi) ute elinene lase Ligwa mhlana 'pa lamohlwaya Umpatiswa Bantsundu, akuti lerafu iyakubakataza abamnyama; kodwa yena (Folosi) uti wacana ukuyalata longozi Umpatiswa.

U MR. RHODES ute akuko nto iyileyo. Into yena ayitetayo wati Umpatiswa Bantsundu makangasuki abe yingqukuva, makati ukuba uwucasile lomteto atsho mhlope.

U MR. AYLIFF ncinge yena ukuba akuko namnye oyakuwncasa umnqo walengxoxo. Ingxoxo ebanzi engelali zabantsundu kuya kufuneka ixutyushiwe impela. Unenkolo yokuba unqwenelo lwabantsundu lokufumana itaitile zabantu ngabanye luyakul apo inqaba ikona yimali yetaitile, neyotshintsho njalo-njalo, ubunintshi bayo bupantse aba ngangexabiso lalowamhlaba ifunelwe Ukuba iqinga lelungu lase Ligwa liqutyiwe liyakudala inkatazo engatetekiyo kumagqugula Eziqingata ekuyibuteni lerafu naseku. nyanzeleni igunya lomteto kubemi bezondawo.

U MR. JOHNSON ute uyatemba kakulu ukuba u Rulumente uyakulixasa elicebo. Kodwa ibiya kwamkeleka okunye lerafu intsha ukuba bekuyakutiwa yeyomhlaba kunokuba kutiwe yeyezindlu.

U MR. JOHN E. WOOD ute uyatemba ukuba liyakuvuma ibandla ukulibuyisa umva elicebo, kuba liyakubanga indleko enkulu, umzi ontsundu uyakudutywa ngalerafu, inkatazo esiyakuba sizokele yona ayisakulinganwa nalinani lerafu leyo.

U MR. DYER ute uzira emele nkuwucasa lomteto mtaha, ubengayivumayo into yokuba abantaundu abanenqwelo nekalityi bafa-

